lelo. Ngokutabata umntwana womntu ngapandle kwemvume yabazali, nangapandle kolwazi lwabo, umfana uyeba, bubusela lonto. Wumbi umntwana ngowe lizwi, ngako oko ke umfana akaneli kuba umntwana womntu kupela, uba umntwana ka Tixo ku Tixo, kuba uvakutshwa ebandleni le Nkosi. Emveni kobu bom umfana lowo kuya kufuneka anike ingxelo, nempendulo ngalo mpefumlo awulahlekisileyo, kuba ityala lalomntwana ulitabatele emagxeni ake ngenxa yamazwi ake atambileyo, nenteto yake eninzi ehendayo afike wayaneka pambi komntwana lowo ngobuciko bake oboyisayo ngangokuba bumbe kubazali naku Tixo.

Lemitshato isekwa kwindawo apo kulungiswa kona amasela, ewe bonke abonileyo, into ke leyo ngokwayo engqina ukuba ngumtshato wobusela, kuba bati bakukova ukubana bazise kuyise wabo omtsha u Rulumente ematyaleni ukuya kulungisa isiposo sabo, aze yena umantyi asilungise nge *£5*.

Isiseko salemitshato sibi singxengengxenge ngako oko asinakuma kuba siti isiteto indlu esukuba isiseko sayo sisibi, kwango qwitela lokuqala yonyikima, luze olulandelayo luyiwise," kwangokunjalo abantu abasakuba beziseka esibhakabhakeni kokungendawo, izindlu zabo kwa inkatazo yokuqala iyaku pitizelisa bangavani, ize elandelayo iyiqaule indlu yabo.

Lemitshato yopisa intliziyo zabazali nabahlobo endaweni yokuba vuyisa nokuba xolisa kuba ilutshaba, kuba umfo ngomntwana wake unamabhongo atile awacingayo ukuwenza mhlana yendayo intombi yake, nezihlobo kwangokunjalo nazo. Suka endaweni yoko ibe ludano nosizikwanenyembeziezirara ize ke lento ibange ukuba abo balilayo bahlungisiweyo batyekeze iziqalekiso, kanti lento ukushwatyulelwa ngumntu omdala lilishwa elikulu, ingabingummangaliso kengoko ukuba iziudlu ezinje zahlukane pakati. Ati umfazi abenendawo yake yedwa ngapandle kwendoda, kwanendoda ngokufanayo. Abantu abangenabazali naziblobo; kanti emhlabeni apa akuko nto ifana nabazali nabahlobo kuba ukouje uko ngabo. Hoha madodana ngokuba abantu nge Licence. Ndim,

FOLA.

March 7, 1889,

## IMPI EFUNDILEYO NABAFAZI.

NKOSI yam Mhleli wendaba, nomkanyiseli wohlanga lwakowabo, nantsi indawo ihlala ivakala futi kwelo pepa lomzi ontsundu. Kuhlala kuko isiroro sokuba lempi ifundileyo ikolise ngokuba lahla abafazi ibe ngamahilihili agqibe zonke idolopu. Ewe, kukafuti kunjalo, eso sihlava siya wugqibela ukuwutshonisa umzi, ekungati kukangelwa zifunyanwe indawo esingena ngazo ; kuqala, iti indodana maxa isemfundweni iqeqeshelwe kwintlalo yokanyo, ize iti yakupuma, yakuba nomsebenzi, inikwe lomalana incinane kunene, ze iti pezu kwalomalana ingako ubone kunyaka wokuqala ipumile esikolweni seyifuna umfazi, yandise indleko imali incinane, ize kulentombi ibone ihombakazi apa elihamba ngamazwane, iti nantso ke eyam ; mhlaimbi ibone ntwanazana apa ibe nenyanga zantandatu e Dikeni nokuba kupina, iti kwalunga. Ziza kutini ke ezintokazi, gxebe lentokazi? Namhla ndingu Mrs., ndiyi ledi, ndoda qesha umpeki, qesha umfazi wokuvasa, nowokuhlakula, ndingatinina, yonke into, umsebenzi wake yena kukupika nala mabala engubo zase mlungwini erazula elahla; uyaqala ukubona umyeni wale ntokazi seyevele ngonwele ematyaleni, nobuya buledi balentokazi bubble, kuba bebumi ngapandle kwe qinga, ilokwe ezimbini azina kumtwala, wongcola ke ade abe ngat. Kuyo yonke ka lento kade mhlambi ibonisa indoda, isuke inyuke naye intokazi yomfo. Asuke ayeke azonde into enye, asuke asele umoya emke nezinye intokazi. Ukube ke umtinjana ubuqeqeshekile ezintweni zokupata ikaya, ngekungenje kangaka. Ihilihili elalinomfazi oyi *ortam,* lihamba lihambe, limbi libuye limkumbule. Makufundiswe intombi indlela yokupata indlu nokupeka. Azi zipina izikolo eziyiqondayo lendawo ? Ndim,

OLILELA UHLANGA.

## ABATEMBU NGE JAJI.

MHLELI, *Wemvo Zabantsundu,*—Nceda nkosi ufake kwelopepa lezikulu inteto yentlanganiso yaba Tembu ebise Mtata namhlanje ete maziye ku Rulumente ngo Meja inkulu yase Mtata Ebatenjini. Ukuqala inkosi yaba Tembu u Dalindyebo umisi isiko lokuqala ngomtandazo pambi kwinteto. Pezu kwedolopu yase Mtata umntwana wenkosi wabamisa Abatembu alahleke xa agqibe amawaka amabini umntu,. amadoda abehamba nomntana wenkosi ukuya kulontlanganiso basuke Abatembu ukuze ayeke ukubala bapalala kumacala onke, apo ke kwatandazwa ngenxa yenteto esiya kuyo. Lentlanganiso inge Jaji ukuza kwayo e Batenjini. Bacela Abatembu ku Rulumente ukuba iJaji ingezi ematyaleni ijaji yezindawo, 1. Sinencwadi vetu nongeno ngemvumelano zetu no Rulumente ezomvumelano ke zisahleli. 2. U Meja no Dalindyebo akukabiko mntu kuti Batembu obhenele u Meja no Dalindyebo ngokuti abakwazi ukuteta amatyala makuze omnye umntu 3. Lomhlaba wetu awufani nowama Gcaleka, awaziwela ku Rulumente ngo Nongqause, nangokulwa ngo Ngcayecibi no Rulumente, nowase Mampondweni ekwalwa amakosi awo lomihlaba ubeyi Koloni, awufani kanjalo napesheya kwe Ndwe ekwateta amakhosi no Wana ukuze umpesheya kwe Ndwe ubeyi koloni 4. Ijaji yinto yokuhamba igweba amatyala e Koloni, lomhlaba wase Batenjini unendlela zawo ku Rulumente, awuyiyo i Koloni kutsho ke bona bonke Abatembu nomntana nomfazi osendlini. Ndim.

NEH. TILE.

.. . Egameni Labatembu. Ebatenjini,
March 6, 1889.

U Tembu sole bambe isia sil emayelana nalento kuba ngoku upetwe yi Palamente yase Kapa emiswa nge voti. Senizixolisa bantwana be Nkosi ED *Imvo.}*

## UMANYANO LWA MABHULU.

MHLELI,—Ndiza kuteta, ndiza kutvila umongo. Ndati mhlana ndazipehlelela ngeli gama lokuba ndingu 'Ntlola Yohlanga," ndandizitsho ngenene. Nditi ke mzi wakowetu manike nibeke indlebe nike niwacinge lamazwi am mna ntlola yohlanga. Ndibona ummangaliso osi- inanga endiwubona kweli lizwe lipezulu. Ndibona ibala elimhlope lifuzisa lanto yatetwa ngu Ntsikana ka Gabha, owati kuti—lo Tixo ambedeshayo ngu Tixo onguhlanganisa imihlambi eyalanayo.— Nditi namhla liti ibala elimhlope mali- hlangane, liti i Bhulu lobukosi base Free State malincedane nelase Kapa, liti elase Transvaal malincedane lincedisane nelase Free State; ngazwinye ati ancedisane kwakuhlaimfazwe. Ndibuze, lemfazwe iya kuhla pi? Impeudulo: lya kuhla kweli lizwe. kweli lizwe ? E Koloni. Namani? Nama Mfengu nama Xhosa. Imbangi yini? Liratshi lelipepana banalo. Ngu Mzilikazi ozenza inkosi no Manwatu, nazo zonke izinto ezimnyama eziti zizinkosi. Liti igwangqa lomhlaba—nimana nisiti ngowenu nje, wati ukuze ube ngowenu nawutenga kubanina, narola ntonina ngawo? Ati, uti umhlaba ukuze ube ngowomntu arole imali yake awutenge kumniniwo. Nina ke nirole ntonina? Nxatshoke niyevana. Balandini limnyama! umzi niwulahla nganina? Manene emidakakazi, umkosi uyahlatywa, useluhlatyiwe libala elimhlope, nani wuhlabeni owenu. Mandipeze, ndim,

NTLOLA YOHLANGA.

Waldecksplant, 11 March. 1889.

## UVOTO E BATENJINI.

MR. EDITOR: NKOSI YAM, — Ndicela indawana kwelopepa lamanene akowetu antsundu. Indatyana endinazo zezolu voto lusand' ukudlula. Nditsho kuba namhla sibone lamadoda anje ngo Mr. Mhalla no Mr. Pelem elukwelele amahashe uvoto. Ukutsho ndincoma uvoto ukuba lukulu kwalo. Noko nditshoyo andibancomi ngalonto u Mr. Mhalla no Mr. Pelem, kuba baze kujika uhlanga. Sema kakuhle kanye eluvotweni obe lungosuku Iwe 12th March, 1889, nanje ngendlela ebe salatiswe ngayo, amanehe amatatu: u Mr. Blaine, u Mr. Gray, no Mr. Hughes. Akubangako mntu omela amagama etu xa sivotayo.

Eyona nto inkulu nditi, mfoka Jabavu, yhna umile kakuhle! Kuseloko wati wenza elopepa lako nje, ngati umzi ufuna ukuhlangana ube moya 'mnye. Yiyo lendawo siti yima kakuhle, sitsho tina Batembu.

Enye indawo siyawungqinela umzi wakwa Rarabe — nditeta umzi wakwa Cungwa—esibe simana sisiva *Emveni* ngenene ekutiwa ngu Tele, kusitiwa umzi uwujikile vati mawuvotele u Nkanunu, sasingakolwa ukuba angaba uyenzile lonto. Sasisiti Amagqunukwebe ayanixoka. Ute pambi kokuba emke— ehle— umzi wase Batenjini Wamalawo wawujika wati mawuvotele u Mr. Blaine. U Tele umzi uyawujika, kanti ke tina sibe simhlonele, tina Batembu kuba ngumkozi ingebukozi bodwa ikwa ngumyeni wentombi yase Batenjini. Ukutsho ke siti mgcine mzukulwana ka Cungwa. Siyakubongoza Mr. W. Kama. Waka wawuxabanisa umzi wase Batenjini sakubhalela incwadi yokuti yiza kumtabata. Ke namhla siti mgcine Nkosi Mr. W. Kama, u Tele. Nanamhla siti mtabate u Tele umgcine. Sitsho tina Batembu. Manditshonele, ndim owenu.

MTEMBU WOHLANGA.

Cala. March 14,1889.

## IMIDANIS0 E TRANSKEI.

NKOSI YAM MHLELI WEZIMVO,—Sinosizi olukulu ukuba sibuye tina malungu omdaniso wase Transkei, sibhale ngalendawo. Kodwa ngoku kokokugqibela ukubuye sipendule emapepeni ngomdaniso. Inteto ebuye sayibona epepeni ayikunanzwa mntu, iyakuba kujwejweza ngeletu icala, ayikukatalelwa mntu. *Umbhaleli* wako kwi mpawu ze *Mvo* ka January 14th, 1889 ukankanya—isizatu sase *Hlobo, Edutywa* kwa *Mqwalaseli,* nase Cegcuwana.

Lombhaleli wako masimazise ukuba nanainhlanje asikaguquki ukumbiza ukuba ulixoki. Indawo yase Hlobo ifana kwanaleyo yase Dutywa endixelileyo ngayo kwincwadi yetu ka December nge midaniso ayinayo nento yokwenza no mdaniso nomenzi weso sizatu sase Hlobo asimazi emdanisweni, ukuba iyakuti into eyenziwe ngabantu abake baye emdanisweni kuze kutiwe isizatu ngu kuko nto inga yiyo etetwayo. ngati sazi abatile abenza itimiti zobusuku babonwa benentombi ematunzini, nabashumayeli abatile abahamba emitshatweni, bavume usiso emizini yabo. Susa umqadi esweni lako kuqala, njalo-njalo.

Ngendawo yakwa *Mqwalaseli* asazi hlazo lake lehla ngo mdaniso owawukona, ngapandle kwe *nzilana* elalivela edolopini eleza lihluti lafun' ukubhotola, lakutshwa endlwini.

Akuko mdaniso wake wase Cegcuwana ngokoke asinakupendula kulondawo.

ngendawo yobhala azi *sayine Omi pezu Kwentaba Emkungiso* kwangemidaniso singati kuye ungena ngantonina kwimicimbi yapesheya kwe Nciba, wazi ntonina ngayo—makake ehle entabeni abengapantsi ukuze simpendule.

*Umbhaleli* wako nomhlobo omi pezu kwe *ndlu,* siyakuke sibameme mhla ngo mdaniso omkulu kebeze kubona kona ngamehlo babhale ugento abayaziyo.

Umbhaleli wako wapesheya kwe Nciba siyamyala ukuba ubuye wapinda wagxeka umdaniso wawunika igama elibi ngobuxoki siya kumsa emtetweni, simenze ahlambe izimilo zetu. Mhlaimbi siye siliqela kuye simbambe sitenge itela simdyobe ebusweni— siqaqe umqamelo sirole uboya, simtyikile ebusweni—simtwale ejubajuba simfake eludakeni simkupe elixazi (tarred and feathered) emzimbeni, isinam nam itela ebusweni noboya, abe ngumboniso omhle wamaxoki— singeke silinge singcolise izandla zetu ngokumbeta. Umdaniso usaqutywa shushu.

Enye indawo ati kupupa ngoku kupendula kade umbhaleli wako, incwadi yetu yabhalwa kwango July 1888 ibonakala ngo December 1888 nje, iselise zandleni zo Mhleli.

T. U. H. TRANSKEI.

January 16th, 1889.

[Njengokuba selete wayandlala u T. U. H. Transkei inteto azitetela ngayo, bapendula nabawubona ngolwabo uhlobo olwahlukileyo koiwake udaniso, lixesha lengxoxo ivaliwe, lowo udanisayo ahlale eku daniseni, aze lowo ungadanisiyo angabi sadanisa.—EDITOR *Imvo}*

---

NGE CRADOCK.

NKOSI, MHLELI, we 'Mvo' zohlanga,— Kawundifakele nam olwam uluvo kulomvaba. Ndifuna ukutyebisa ingqondo yam malunga nencwadi enge Cradock ebonakele kwele 7 February, kwintlokwana yesitatu. " Basinga Pambili." Amazwi endimfutshane kuwo ngengqondo ngala " Into esayibonayo kukuba izinto zika Kesare azikabi nakwahlulwa kwezi ka Tixo, sitsho ngengoma zobobusuku zazingezizo zokuvunywa e Tyalikeni ezinye." 1. Ndinenkolo yokuba akuko nanye ingoma etenxileyo yobobusuku, ete ayangqinelana nembhuto yobobusuku egama liyi 'Timit' ekubeni ke ezondawo zombini zite zangqinelana mayibe yintonina engalungelelananga. Xa nditshoyo ke ndikweliti, mayibe itimiti ngokwayo yeyakwa Kesare " kwanjengomvumo oyingcwalisileyo. Hi nje? 2. Maube umzi ontsundu ohlala kuwo sowuloyisile inqanaba elipezulu kakulu kuti luhlanga luntsundu lokwaka izindlu zemigcobo ezinjenge Town Hall xa bekunjalo ke nalapa okanye ngebe siya kuzivuma apo ezongoma zo " Kesare." 3. Ukuba ungaba ngengoma zika Kesare uteta ezi kutiwa ngamakumsha zi Circular-tunes, kokona ndingaba ndisafuna undityebise ingqondo. Makube ngobudenge bam, kwindawo ezingena Town Hall, mhaumbi ndlu zahlukeneyo ye Tyalike neye Sikolo, akusokubuye kuyunywe ngoma yimbi ngabenzi be timiti ne titshala ngapandle ko " Nkosi yam ubunditanda," enditi ingaboba unanze yena ngalenteto yonke. 4. Ukuba usingiselele kwintloko yam yesitatu ba kunjanina kanye wakuzigxota zombini— timiti—mculo, zingezizo zase Tyalikeni nje ? Uyikaugelele pantsi lento yokutyiwa kuselwe e Tyalikeni? Andikolwa ukuba ungaze uyibambe pandle inkonzo kuba mhlaumbi inintshi kakulu intla- nganiso kunokokuba yanele e " Tyalikeni ; " kuba ngoko ase'yonkonzo; kodwa yeka Kesare ! Uxolo Mhleli.

Ndim,
NGAZI WAKONA.

Cradock.
February 14, 1889.

## U MR. PELEM NO LAULO.

NKOSI MHLELI,—Nceda ufake lamazwana am kwelo pepa lako. Utinina mfo ka Pelem ? uti u Mxhosa akakalungi ukuba axhase okanye achase nokuba ngu Sprigg nokuba ngu Scanlen. He! Uyiqale nini lento ukuyiqonda? Anditi nguwe lo ubumana ukuti u Scanlen, u Scanlen? Ewe ubusitsho nxa ukokela Abatembu nxa uya kuvota. Uya ndimangalisa Mr. Pelem nxa uti namhlanje, u Mxhosa akakwazi ukwahlula into elungileyo nengalungileyo. Musaukwenjenjalo Mr. Pelem, ubusand' ukohlwaywa izolo apa, namhlanje uyona kwakona. Ke lenteto imbi ukuti umntu onengqondo axhaye imfazwe ngabom. Elipepa *Imvo Zabantsundu* asilo lamfazwe, lipepa loxolo; onke amalungisa aya litanda, kodwa aboni balitiyile kuba liya bohlwaya. Andibi nguwena lo ndeva uteta ngenqindi nxa wauyala ngeziposo zako. He! uti wena ngokwako—Ndiya kucela Mhleli we *Mvo* ukuba upendule le mibuzo undituke undinyelise. Kuhle ukuba uti makakupendule, ungatsho ukuti makakutuke akunyelise. Akuko mntu untliziyo ipupuma izituko nezinyeliso apa. Into tina esiyaziyo kukuba u Scanlen uzama ukusitukulula entweni ezimbi ezinje nge Pasi, inkanti, ama- phekepheke, nezinye izinto ezininzi nxa u Sprigg ati masihambe ne Pasi, nezinye izinto ezimbi; nokuba makube imali ye mfundo iseko kungenxa ka Scanlen. Sazi nialo ke tina ngala maqela mabini elika Sprigg nelika Scanlen. Akanto nye, pikake wena.

SISSING H. MNYANDA.

## ULUVO LOMPESHEYA NGE JAJI.

NKOSI,—Nge 26 February bekuhlange- nwe lelase Mamfengwini pambi komongeli u Capt. Blyth, kunto ezibalulekileyo umongameli ute uzakutyelela pe- sheya okwenyanga ezintatu, wati amatyala amakulu ngoku azakutetwa zi Jaji apa e Gcuwa, Umtata, ne Kokstad, ate u Rulumente ngalento usiqubule. Emva kwake kutete imantyi ngamazwi ambalwa. U Capt. Feltman ute qabaqaba ngamazwi obuciko anandipeke kuyo yonke intlanganiso, wati nge Jaji kambe u Rulumente selegqibileasisenanto singaba sayiteta, ke into esiyicelayo ku Mhlekazi yeyomntu ote wase ntolongweni inyanga ezintandatu ityala lake lingatetwa kuba elinde Ijaji ke mhla latetwa kotiwanina ngezinyanga zintandatu zongeniswa eso- hlwaywenina, ukuba akabanga natyala kotiwanina ngelixesha lingaka ebesentolongweni kanti akanatyala. Ute ke Umhlekazi siyamcela ngalendawo ukuba asilungisele ngalendawo. Kwateta nabanye, emva koko wasuka u Mongameli wati niteta lenteto ka Feltman na? bavuma, wati uyakutumela ku Rulumente kwangeposi yokuqala ngokukaulezekileyo. Kwabonakala ukuba Umongameli uyive kubi inteto ka Capt. Feltman, ube uti ayifunwa i Jaji siti. Kanti hayi utete ngombanjwa ngenyanga ezintandatu. Ukuba kuko inteto eti Amamfengu akayifuni i Jaji, makwazeke ukuba lonto ayipumi emlonyeni wama Mfengu, iya- funwa ngama Mfengu kakulu i Jaji engavuyiswa kukuvibona nge 23 April.

OBESENTLANGANISWENI.

## ABALIMI NA BARWEBI.

E ALVANI ngeveki epelileyo, Ihabile itengiswe nge 5s. ngekulu ; iflara zenkuni zihambe pakati hwe 16s. ne 43s; iflara yama daka 16s. ezinye izinto ezifuneka emsitweni zibe zingeko.

KWIMALIKE yase Qonce ngo-Mgqibelo 16 March, kutengiswe lempahla ngalamanani: — Amahashe £3 10s. to 7 , Ikali nentambo zayo £8 15s; Ihamile zi 50 10s inye; Iniazi ezinamatole £3 16s. to £5 10s; Inkuzi yenkomo £4 7s. 6d; Inkabi yenkomo £6 10s.

-------

MABAQONDE abalesi ukuba inkabi zokuxelwa azitengwa de zibe zitevingci ukutyeba. Inkabi ezitsalayo zipants ukungatengiseki; zaye imazi zitengwa ngamanani ehlileyo.

KUMSITO obuko emahlulweni we Alivani; Inkabi zenkomo zide zaya kwi £5; 1 idyongosi £2 19s. to £4 15s ; Imazi £3 10s. I to £9 10s; Amahashe ekari amabini I £15 10s ; Awokukwela £5 to £9 5s.

EQONCE izolo—Uboya busaqala ukungeoa obunganjwanga buhambe kwi 1d ngeponti xa obeseyibhokwe buhambe kwi 4d obuhlanjiweyo abubangako.

E QONCE (March 16.)

Irasi eluhlaza—ld ngekulu
Ihabile—2/6 to 3/6 ngekulu
Itapile—2/5 to 15/3 ngengxowa Umbona, —2/8 to 2/10 ngekulu
Isemile—3/ ngengxowa
Amatanga—1/3 to 2/9 ngedazini Umgubo —4/ to 10/ ngekulu
Imbotyi—5/ ngekulu
Inkuni,—5/ to 22/ ngeflara

E RINI (March 15 & 16.)

Ihabile,—2/ to 2/6 ngekulu
Itapile,—7/3 to 12/3 ngekulu Ingqolowa —10/6 to 11/ ngengxowa Irasi—5/ to 5/3 ngengxowa
Inkuni—10/ to 30/ ngeflara

E DAYIMANI (March 16.)

Isemile—4/3 to 4/6 ngengxowa
Irasi—12/ to 13/ „
Imbotyi,—6/ to 8/ „
Ihabile,—15/6 to 20/ ngekulu Amazimba —11/ to 14/ ngengxowa Umgubo—17/ to 21/ „
Umbona—10/ to 14/6 „
Ihabile—15/6 to 16/6 „
Itapile—25/ to 20/ „

---

# Native Opinion,

THURSDAY, MARCH 21, 1889.

UNLESS the Tembu demonstration at Umtata on Wednesday, 6th instant, was directed at expressing admiration of Major ELLIOT'S personal qualities, and confidence in the manner in which he uniformly carried out the wishes of the Government, it is difficult to conceive its purport. We fail to see the real grievance of the Tembus in the inauguration of the Circuit Court in the Territories. For long ere now the Judge has adjudicated on criminal cases from the Native Territories, the only difference being that they had to be brought down all the way to the Kingwilliamstown Circuit, whereas now he is to try them on the spot. Again, most people will not be able to discern the hardship under which the Tembus profess to be groaning in the mere transference of the judicial work of the State from an officer, like the Chief Magistrate, who is not necessarily a gentleman learned in the Law, to the Judges of the Supreme Court of the Colony.

It seems to us rather late in the day for Chief DALINDYEBO to cite the terms of treaties entered into between his late father, the Chief NGANGELIZWE, and the Cape Government Great and, in some cases, almost irrevocable changes, have taken place in the relations of the Native Tribes since those treaties were agreed upon. And it is vain for the grandson of NGUBENCHUKA to contend, as he did at the Umtata demonstration, that the Tembus came under Government under the expressed stipulation that they were to remain an independent tribe, with a Resident Agent only as the semblance of Government authority,—when the whole territory is now ruled through representative institutions under which magistrates are agents merely to administer the laws agreed upon by the people themselves, through their representatives in Parliament. It seems to us that the Tembu demonstration would have been in time before the annexation, when the Government of Sir THOMAS SCANLEN wisely determined to lop off the Territories and hand them over to the Imperial Government for administrative purposes. Not that they would have had no Judge under the Imperial Government, for the Judge is indispensable in the proper and satisfactory administration of the Law, but they would, at least, have been kept away from a form of Government from which rapid, and sometimes violent changes are inseparable, and under which such communities as are to be found in the territories would ever feel in a condition of suspended animation. Under the Imperial Government, moreover, there would have been a possibility, which under Responsible Government there is not, of the treaties on which DALINDYEBO bases his contention, being observed. This being the case, then, we would ask the Tembu nation to accommodate themselves to the present condition of things, by trying to get their grievances redressed on the lines of the Constitution which we at present have. With the devolution of judicial work from the Chief Magistrate the only pretence for maintaining that office is gone, gone, gone beyond recall. When Representative Government was introduced in the Territories, it then became a question of time that the Chief Magistrate must go. That time is now come. We can only ask the Tembus and the other Natives not to break their hearts over the event. They will live down the change, as they have survived worse things. And we should be truly sorry if they should do all the nasty things that the *Umtata Herald* predicts they will do if Government does not accede to their wishes and leave them the white elephant in the shape of the Chief Magistrate.

## Notes of Current Events.

A CRYING injustice has been perpetrated on the voters of Umgwali, in the District of Stutterheim. The station has a considerable number of voters, and yet it was not included among polling stations at the recent election for the Legislative Council. This was discovered on Polling Day. We cannot help thinking that those who had to do with the fixing of the polling places were influenced by unworthy motives. They must have known that Umgwali being near Waterford, where Mr. Hughes resided for many years, the Natives of that station who know him well, and to whom they are indebted for the existence of Umgwali as it is, would vote for him. So it was not a matter of concern whether it was left out. This is not fair to Mr. Hughes, who, we trust may yet win, notwithstanding such subterfuges.

MUCH interest has been shown in the Election returns during the last week; and the difficulty to ascertain the results gave piquancy to that interest. Absolutely nothing is known of what took place at polling stations as near Kingwilliamstown as Izele, Mount Coke, Ntsikizini and Burn's Hill. This being the case here the obstacles in the way of getting information from up country field- cornetcies seem obvious. In their devotion to red-tapeism some polling officers wont even say what the totals are at their stations. The various Civil Commissioners do not appear to be one whit the wiser than the outside public, since the instructions to polling officers are that they should after the closing of the poll seal their papers and forward them forthwith to the scrutineers at Cape town. This is but a piece of absurd centralization of duties in the metropolis which the people of these parts should resent.

WE have been, however, indefatigable in our efforts to tabulate the results as they found publicity through the press, and by means of private sources. They have been carefully compiled from the best available sources. They are as far as known as follows :—

.. . T

| | Blaine | Gray | Hughes |
|---|---|---|---|
| EAST LONDON........ | 526 | 15 | 1 |
| (3 stations to come) | | | |
| KING WM'S. TOWN | 254 | 10 | 15 |
| Stutterheim .................... | 43 | 6 | 47 |
| Keiskama Hoek ... | 38 | 3 | 13 |
| Debe Nek ....................... | 16 | 1 | 0 |
| Green River............... | 4 | 0 | 0 |
| Middle Drift............. | 11 | 0 | 1 |
| Ncera ............................ | 12 | 0 | 2 |
| Tyumie .......................... | 2 | 0 | 66 |
| Peelton .......................... | 38 | 0 | 2 |
| P'rie................................ | 25 | 0 | 48 |
| Rabula ............................ | 1 | 0 | 18 |
| Frankfort ........................ | 39 | 0 | 0 |
| Blaney ............................ | 7 | 0 | 0 |
| Snyman's, Komgha | 2 | 11 | 0 |
| Kei Road....................... | 28 | 5 | 0 |

| | | | |
|---|---|---|---|
| Berlin ............................ | 22 | 3 | 1 |
| Macleantown............ | 17 | 1 | 0 |
| Greytown ........................ | 9 | 0 | 21 |
| Quaries ......................I | | | |
| Bolo............................I | 57 | 16 | 2 |
| Hayslope....................J | | | |
| QUEENSTOWN..... | 148 | 2 | 5 |
| Cathcart ........................ | 12 | 27 | 5 |
| Driver's Drift ... | 67 | 0 | 47 |
| Bolotwa ........................ | 24 | 0 | 14 |
| Kamastone .................... | 12 | 0 | 66 |
| Bailey ............................ | 9 | 10 | |
| Hackney.................. | 2 | 0 | 62 |
| Mapassa Leven ... | 2 | 0 | 13 |
| ALIWAL NORTH ... | 1 | 6 | 91 |
| Lady Grey ...................... | 0 | 0 | 84 |
| Herschel.................. | 0 | 0 | 200 |
| WODEHOUSE ........ | | | |
| Dordrecht ....................... | 4 | 0 | 40 |
| Buffeldoorns............ | 1 | 0 | 85 |
| Craggieburn............... | 0 | 0 | 10 |
| Driefontein ... .. | 0 | 0 | 4 |
| Snyman's Kraal ... | 7 | 0 | 8 |
| Wintershoek.............. | 0 | 0 | 16 |
| Lady Frere ...................... | 8 | 4 | 36 |
| Nel's Rest ...................... | 1 | 0 | 2 |
| Montagu Hill ... | 0 | 0 | 7 |
| Smoorfontein............ | 0 | 0 | 20 |
| TEMBULAND ........ | | | |
| Umtata .......................... | 38 | 1 | 0 |
| Butterworth............... | 24 | 1 | 6 |
| EAST GRIQUALAND | 5 | 17 | 190 |
| | 1516 | 130 | 1245 |

FROM the above figures we gather that Mr. Hughes has been enabled, by his fair and satisfactory views on questions affecting the Natives, to make a creditable fight on Mr. Blaine's own ground. The returns from the country stations, of Aliwal North, Barkly East, from several stations in Wodehouse, from stations in Tembuland and East Griqualand—places which favour Mr. Hughes—are not yet known, and we shall be much mistaken if they do not bring Mr. Hughes' present figures by 800 while from the same sources Mr. Blaine would be lucky if he gets 100; and with the few more returns to come in from Queenstown and Fingoland it will be as much as he can do to

# Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION)

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.*

IXABISO3d‘] KINGWILLIAMSTOWN, MARCH 21, 1889. (No. 227



## UBUSIKA 1889.

## BAKER, BAKER & Co.

Baneke impahla yabo eninzi intsha ye ngubo ze ndidi zonke.

Kauze kubona IBHATYI ezi

NKULU

Kauze kubona I-SUTI

Kauze kubona I-BLANKETE

IHEMPE, IMINQWAZI, IZIHLANGU, NJALO, NJALO.

Azizanga zibeko ezinjalo ubutshipu

zihleli zifika.

## BAKER, BAKER & CO.

EQONCE.

## John J. Irvine & Co.,

KINGWILLIAMSTOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s IBHATYI „ „ —5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d
I-Bhulukwe „ „ —4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s
Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)— 16s 9d to 18s 9d.
lhempe zamadoda zomsebenzi—10d, 1s, 1s 3d, Is 6d, 2s
Ihempe ze fulaneli—Is 6d, Is 9d, 2s, 2s 6d
Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2s 6d, 2s lid, 3s 6d

KUKO i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo) -7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esezulwini apa azinamabala, koko kupela asemqukumbelweni). Zisusela ku 4s 6d zise kwi ponti.

Iprinti ezisand’ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi
Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi
Ilinzi—4d, 5d, 5d, 6d nge yadi
Izitofu ezibugqi—6d, 7|d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla epilileyo.

## JOHN J. IRVINE & Co.,

u-ALUVENI

## DYER no DYER,

EQONCE.

BASAND’UKUFAMANA ngenqanawa ezisand’ukuvela Z’welipesheya kolwandle, impahla eninzi ukongezelela kwimpahla yabo kakade, baneke ngoku:—

IMPAHLA YAMADODA, Isuti ze zitofu — Ibhatyi, Indulubhatyi, Ibhulukwe —16s. 6d.

Isuti zama kwenkwe—4s. 6d., 5s.

Indulubhatyi zamadoda zezitofu ziqala, kwi 2s. 6d.

Ihempe zokusebenza—Is. 3d., Is. 6d.

Iminqwazi yezitofu 1s. Etambileyo, Is. 3d.

Ibhulukwe zezitofu—3s., 4s.

Isuti yokutshata.

Isuti Zobuftmdisi.

Izihlangu zentlobo zonke, njalo-njalo.

## A. W. REID,

UMTENGI WENTO YONKE,

e Downing Street, King Williamstown, pase East London (e Monti).

*Uboya begusha, nobe seyibhokwe, Intsiba ze Nciniba, Izikumba, Imfele, Impondo, Itapile, njalo, njalo.*

Utenga ngawona manani makulu ase Markeni nge CASH.

## BUZANI

Kwi venkile zangapandle enilunge nazo Impahla engaba ziyitenge

KWA J.P. JAMESON & Co.,

e QONCE (Kingwilliamstown),

Ezinjengo zi Blankete, Amabhayi, Ingubo zokunxiba, Izihlangu, Ihempe, ne Qhiya.

---- UNGAMLIBALI -------

## J. P. Jameson & Co.

Kuba ingubo zabo zitshipu zilungile.

## I Dip ka Hellier.

OLUKA

## GOWIE
## Uluhlu Lwezityalo

zika MARCH.

TYALA amagatyana e Hyacinth, Iris, Snowdrop, Narcissus, Tulip, Jonquil, etc., nawo onke amagatyana eli lase Kapa.

INTYANTYAMBO.—U March xa anawo amanye amalungelo ezimeko, lixesha eli lungileyo lokutyala Intyantyambo.

*Uluhlu lwe Ntyantyambo luka GOWIE lwe* 1889 *ngoku selulungile, tumela ulubize.*

HLWAYELA i Swedes, Amatswele, Mangel, Lucerne, Kohl Rabi, Ikapetshu, Turnips, Carrots, Parsnips, Chicory, Imbotyi ezisixwexwe, Beet Ac.

IMBEWU ZE KOFU ezi funjiweyo.— Eli lixa eli lungileyo lokuzihlwayela.

PANSIES.—Ezona ntyantyambo zintle ziveliswa yimbewu ehlwayelwe ngelixesha.

Hlwayela imbewu zei Ntyantyambo ezilukuni.

KWA

## W. & C. GOWIE,

GRAHAMSTOWN.


## Intlanganiso Yesiko Lokunguluki.

(The Birt’s Mem. A. O. Association)

OLU manyano nge lisiko lucelwe ngu mfundisi naba Dalabase Rwarwa ukuba luqale intlanganiso ye lisiko kona nge 3rd April. Yongena ngo 10 kusasa. Sovuya uknhlangana kona nabavelana nati ukucita elisiko limdaka.

A. H. MAGI, Hon. Secretary.

Peelton, 3 Feb., 1889. 3i7t21

## ISAZISO SE DOLOPU.

No. 34.

Kuye wonke Okatalayo.

LANDLU ikwa Mnqayi kwicala elingase Mpumalanga kweka Maclean, ekubeni ingahlalwa mntu, i Bhunga le Dolopu liya zisa okokuba ukuba akubangako mntu uvelayo ayibange, aze ahlaule irafu zayo kwanendleko zokwazisa kwi veki ezintandatu kususela kolusuku lungezantsi, iya kutengiswa kuhlawulwe lomatyala.

L. J. PIRIE, Town Clerk.
Kingwilliamstown,
5 March, 1889. 5i7t44


## Ikaya Lendwendwe.

SIYAZISA ukuba “Ikaya” sisaligcinile apa e-Komani, Amagumbi, nezitale, nentlalo yonke ilungile kakulu, ezantsi kwe Marike.

R. T. NUKUNA & CO,

Calderwood Street, Queenstown.


## KUBABHALELI.

KUYAZISWA bonke ababhalela kum mabati :—

PATRICK J. XABANISA,

Mgcwe School, c/o Wm. Fennel, Esq.,
Umpulusi, via Toleni.

## Bonisani! Bonisani!

E-CANGCA, ngo 24th February, 1889, “'V' ndilahlekelwe yimazi ebomvu esinchi siqamileyo. Inqina lase mva lokunene li mhlopc. Ondilandisayo ndomvuza.

ROBT. FINI

Gqamahashe,
Lovedale, Alice, 9th March, 1889.

## ABAZELWEYO.

NTANTA.—Ngo 2nd March, 1889, Esi. kobeni, u Mrs. Luke Ntanta ubeleke inkwenkwe.

## ABABHUBHILEYO.

BROWNLEE.—Sibikela ikowetu ilintsundu ukuba e- Bekesdolopu ngomhla wesibini ka March. Kwatandeka ku Sozi. mfesane uku godusela pezulu intombi yetu yesibini u- AGNES FRANCES BROWNLEE, eyati xa igodukayo, yatakazela, ngeliti, uxolo. Uxolo olufezekileyo. Isono sigwetyiwe. u. Satana woyisiwe. UKUPUMLA, UTANDO, IKAYA. 3it320

PARKIE.—Ngo 19th January, e Vredefort, kubhubhe u ELLEN PARKIE, intombi etandekayo ka Rev. John Robert Parkie.

PARKIE.—Ngo 27th January, 1889, kubhubhe e Vredefort, Orange Fran State, u JOHN PARKIE, unyana ka Rev. Joha' Robert Parkie.

NJENGOKUBA ngonyaka opelileyo ike yatengiselwa kakulu amafama. Ayincome kakulu okokuba lelona yeza ling'enangozi litshipu. Namhla kambe njengokuba yenziwe valunga ngakumbi, itotyiwe nangenam ngomlingamselo wesahlulo sesine.—I-gallon enye igalelwa kwa 100 lamanzi (alandelayo).

## Inani zi 8s. nge gallon.

Amagosa ayakubiza kwalonto ndawonye nenxamleko zokuyi-

twala' F. TUDHOPE,

Market Street, Kingwilliamstown.

Ngapandle komteketiso
Ngu Folokoco,—Manenekazi
Yizani ninqweniae iliso.
Zityal' ezetu zaba Tehakazi,
Ngokwenyani zihleli zodwa,—
Amanene, namanenekazi
S thrue, inteng'yetu iyodwa.
Zibhatyi, zihempe, neminqwazi,
Nebhulukwe zezisikiweyo,—
Zonke impahla zamaledikazi :
Ngenene zezifanelekileyo.
Siti kwaba batenga kade Ninga dinwa aihlobo zetu Kude kube ngu napakade Nitenga kweya kowetu.

Ningayilibali indawo ekuyo
Inkumba ka FOLOKOCO ngezantsi kwe

Scotch Church, Kingwilliamstown,
Apo niyakumbona kona u Mr. FOLOKOCO ngokwake (saluf).

## Ikaya Labantsundu.

IKAYA " lifudukele e Marikeni kumzi obungoka Donian, ngo-Mvulo. Kangela londlu inkulu ibomvu—apo wofumana yonke into imi ngomxholo—iyadi, nezitali nezindlu, zinkulu.

PAUL XINIWE,
Umlungiseleli wento yonke.

Address Market Square.

---

## Ilungelo Kubafuyi.

Ukufandeswa kwe Mpahla.

U

HERBERT HOWARD.

UHLELI elungiselele ukutengisela abantu *Inkomo,* nenye impahla emva kwe Malike. Abatengiselwayo bolungiselelwa kamsinyane. Unamafandesi entwanantwana zezindlu ngo 11 o'clock ngolwesi-Hlanu bonke, pambi kwe Ofisi yake engaa. kwa Cook.—27t57.

## ISAZISO.

MNA ubebizwa ngeli lokuba NISINI GWANTSA kube kungemposiso ukuba uze ubeke eli igama ukuba bati aba baleleli bam:

NISINI MBAMBANI Strangers' Location,
Port Elizabeth

Port Elizabeth, 8 January, 1889. 16t49

# G. Frauenstein

KWA QOBOQOBO.

UYAZICELA zonke izihlobo zake ezi ntsundu okokuba zize kuposa iliso kule nkumba yake eyivenkile. Ungumtengeli wento zonke ezibutataka nezilukum. Zitengiswa ngamaxabiso alula, ndisenzela amaxesha.

Imfele, izikumba, umbona, ingqolowa,
Ndizirolela amaxabiso apezulu.

Kwelinye Ipiko kuko nomfo otunga izi
hlangu zentlobo Zonke.

Kukwako ne Butcher's Shop, ne Baker's Shop.

## ISAZISO ESIKULU.

Amayeza ka (Nogqala) Jesse Shaw.

BONKE abantu aba kwindawo ezingena Magosa am bowatunyelwa onke amayeza nge Posi xa bebhalele kum batumela izi tampo nokuba yi mali ehamba ngepepa 1-posi (P.O.O.) Imali yawo yi 3/6 lilinye, nga paandle ko *Mpilisi wenene* (Sure Cure) oyi 8/6 ukuba imali tunyelweyo igqitile yo buyiswa namayeza.

JESSE SHAW,
Igcisa Lemiciza.

The Laboratory, Fort Beaufort.